**Permanganate of potash.** Liyeza eliphelisa ivumba eliɓi. Uzifo zonke. Khangela *Antiseptic.*
**Pernicious.** Embi.
**Pernicious anaemia (primary anaemia).** Uhloɓo lwe-*anaemia.* Khangela *Anaemia.*
**Peroxide of hydrogen.** Khangela *Hydrogen peroxide.*
**Perspiration.** Ukuɓila.
**Pertussis (whooping cough).** Inkenkusi.
**Pessary.** IIntsimbi yokugcina isiɓeleko endaweni yaso.
**Petechiae.** Ukopheka ngaphantsi kwesikhumba loo nto yenze amaɓalana aɓomvana esikhumbeni.

**Petroleum (paraffin).** Amafutha elitye.
**Phalanges.** Amathambo amancinane eminwe mhlawumbi amazwane.
**Phantom tumour.** Igalimoya. Ngamanye amaxeʃa umfazi ude acinge ukuɓa unzima.
**Pharmacopoeia.** Incwadi enenkeazelo yokwenziwa kwamayeza, enikwa ngo-Ɽulumente.
**Pharmacy.** Ulwazi lokudiɓanisa amayeza.
**Pharyngeal.** Ebekisele emqaleni.
**Pharyngitis.** Ukukɼala komqala.
**Pharynx.** Umqala.
**Phenacetin.** Liyeza elidambisa iintlungu noɓuʃuʃu.
**Phenol.** Khangela *Carbolic acid.*
**Phimosis.** Ukuqina kwesikhumba okuɓangela ukuɓa usana oluyinkwenkwe lungaɓi nakho ukuntsontsa kakuhle. Ngamanye amaxeʃa i-*phimosis* inokuɓangwa sisifo.
**Phlebitis.** Ukukɼala komthambo (*vein*).
**Phlegm.** Izikhohlela ezingcwengileyo.
**Phlegmasia dolens (white leg).** Ukudumba okuneentlungu komlenze okuɓangwa kukukɼala komthambo. Khangela *phlebitis.* Ngamanye amaxeʃa kuɓonwa emva kokuɓeleka.
**Phlegmatic.** Ukudangala.
**Phlyctenule.** Iqhakuva ngecala le-*cornea.* Khangela *Cornea.*
**Phlyctenular conjunctivitis.** I-*conjunctivitis* enalomaqhakuva. Khangela *Conjunctivitis.* Iɓonwa kuɓantwana aɓaɓuthathaka. Ɓoyika ukukhanya. Ayisuleli.

**Phonation.** Ukwenza isandi.
**Phosphates.** Izinto eziɓutyuwa ezibasemntsontsweni. Zikholisa ukuɓa yintlenga emdakamhlophe.
**Photophobia.** Uloyiko lokukhanya oluɓangwa kukuɓa ɓuhlungu kwamehlo.
**Phthisis.** Isifo semiphuunga. Iphepha. (*tuberculosis of lungs, consumption*).
**Physiology.** Ulwazi lwendlela eziseɓenza ngayo iindawo zomzimba ophilileyo.
**Physique.** Isakhiwo somzimba.
**Physostigmine.** Khangela *Eserine*.
**Picric acid.** Ngumguɓo othi xa ugalelwe emanzini, usetyenziswe ekuɓopheni izilonda zokutſha. Yi-*antiseptic*.
**Piles.** Khangela *Haemorrhoids*.
**Pilocarpine.** Liyeza elinamandla eliɓanga ukuɓila. Lifakwa ngenaliti phantsi kwesikhumba.
**Pinna.** Le ndawo yanekekileyo yendleɓe.
**Pint.** I-payinti (20 *ounces*).
**Pipette.** Uhloɓo oluncinane lenqawa esetyenziselwa ukuthaɓatha amathontsi.
**Pityriasis.** Isifo sesikhumba esiɓangwa kukukhula kokungunda okwenza amaɓalana akhanyayo esifuɓeni nasemhlana.
**Pituitary body.** Into encinane engaphakathi kwoɓuchopho.
**Pituitary extract (pituitrin).** Iyeza elenziwa nge-*pituitary body*. Liseɓenza esiɓelekweni nasemathunjini. Lihlohlwa phantsi kwesikhumba.

**Placebo.** Iyeza lokukholisa isiguli.
**Placenta.** Umkhaya.
**Placenta praevia.** Ukuvela komkhaya ngaphambi kosana. Kuyingozi kakhulu kunina ngenxa yokopha.
**Plague. (bubonic plague).** Ububane.
**Plantar.** Ebekisele entendeni yonyawo.
**Plasma.** Intloya yegazi.
**Plasmoquine.** Liyeza elisetyenziswa ukuthintela ukwanda kwe-*malarial fever* eɓantwini.
**Plaster of Paris.** Uhloɓo lwekalika olusetyenziselwa ukutyaɓeka umlenze owaphukileyo umhlawumbi isifombo.
**Plasters.** Amayeza aqatywa elaphini. *Sticking or adhesive plaster.* Isiɓopho esincamathelayo.
**Plastic operation.** Utyando lokuphilisa indawo eyenzakeleyo nokuɓa yelimeleyo.
**Pleura.** Unweɓu oluntsanyu-ntsanyu olugqume imiphuunga kwakunye nomphakathi wembambo.
**Pleurisy.** Ukukrala kwale nweɓu. Ngamanye amaxeʃa kuɓa namanzi, ngamanye kome. Kudla ngokuɓa namahlaɓa.
**Pneumococcus.** I-*germ* ye-*pneumonia*.
**Pneumonia.** Ukudumba okuneentlungu kwomphuunga.
**Pneumo-thorax.** Umoya kwi-*pleura*.
**Poliomyelitis. (Infantile paralysis).** Isifo somnqonqo esiɓanga ukufa kwendawo kuɓantwana.
**Politzer's bag.** Inxhowana yendyoloɓa enombobo esetyenziswa kwizifo zeendleɓe ukuvuthela umoya empumlweni uye endleɓeni.

**Polypus.** Igaqa elinesikhondo esinciphileyo. O-lunye uhloɓo luphuma empumlweni ngaphakathi olunye esiɓelekweni.

**Polyuria.** Ukuntsontsa okugqithileyo.

**Pons.** Inxalenye yoɓuchopho.

**Pore.** Umthunjana elufeleni ekuphuma ngawo ukuɓila.

**Poroplastic.** Into eluʃica ngokwentlonze, inoku-sikwa yenziwe ithambe ngokuyifaka emanzini aʃuʃu okanye ngomphuunga wawo ukuze iɓe no-kuɓunjwa ilungele loo ndawo isakuɓa iza kuɓo-tʃhwa.

**Portal vein.** Lo mthambo ulisa esiɓindini igazi elisuka eluuswini, emathunjini nakudakada.

**Post-mortem examination.** Ukuqangqululwa nokuxilongwa kwesidumbu.

**Post-partum haemorrhage.** Umopho osemva kokuɓeleka.

**Potash.** Uthuthu olucoewa ngokuphekwa.

**Potassium permanganate.** Uzifo zonke.

**Pott's disease** (*spinal tuberculosis*). Khangela *Spinal Curvature.*

**Pott's fracture.** Ukwaphuka kwi-*fibula* (Kha-ngela *Fibula*) phezu kweqatha ngamanye amaxeʃa nokubetyeka kweqatha.

**Poultice.** Ukuɓekela ngomqa mhlawumbi odi-tyaniswe ne-*mostade.*

**Praecordal.** Ngaphambili kwentliziyo.

**Predisposing cause.** Uɓuthathaka ɓomntu oku-ɓanga ukuɓa angenwe sisifo lula.

**Pregnancy.** Ukuɓa nzima. Ukumitha.

**Premature labour.** Ukuzalwa kosana phambi kwexeƒa elizeleyo kodwa emva kwenyanga yesixhenxe. Khangela *Viable.*

**Presbyopia.** Ukungaɓi nakuwamisa amehlo akhangele izinto ezikufuphi. Loo nto ihamba nokwaluphala, iɓangwa kukuya ziɓalukuhni i-*lens.* Khangela *Lens.*

**Prescription.** Umyalelo kagqiƒa. Incwadi kagqiƒa yoku fumana iyeza e-chemistini.

**Presentation.** Indlela usana oluvela ngayo, *head presentation* xa luvele ngentloko, *breech presentation* xa luvele ngemilenze, *transverse presentation* xa luvele ngengalo.

**Primary.** Entlandlolo, mhlawumbi ukuqalisa kwesifo.

**Primipara.** Umfazi oqala ukuɓeleka. Iziɓula.

**Probang.** Intsimbi yokugeca izinto ezisemmizweni. Olunye uhloɓo lune-*sponge* encamini. Olunye uhloɓo kuthiwa yi-*umbrella probang.*

**Probe.** Intsimbi encinane yesilivere esetyenziselwa ukuva uɓunzulu ɓenxeɓa.

**Proctitis.** Ukukƒala kwesiphelo sikabolobolo.

**Prognosis.** Ulwazi lokuxela ngaphambili isiphumo sesifo.

**Prolapse of the rectum.** Ukuphuma komva.

**Prolapse of the uterus.** Ukuvela nokuɓa ukuphuma kwesiɓeleko.

**Promontary of the sacrum.** Indawo ephumileyo ngaphambili ye-*sacrum.* Khangela *Sacrum.*

**Pronation.** Ukubukuqwa kwesandla.

**Prone.** Ukucambalala ngesisu.

**Prophylactic.** Ukuthintelwa kwezifo.

**Prostate.** Into esemlonyeni wesinyi. Kumadoda amadala iya dumba ngamanye amaxeʃa kuɓe nzima ukuntsontsa. Ayiɓi kho kuɓafazi.

**Prostatectomy.** Uqangqululo lokuʃenxisa idlala elisemlonyeni wesinyi kumadoda amadala.

**Prostration.** Udwamba.

**Protein.** Loluhloɓo lokutya olunakho ukwakha umzimba womntwana, njengenyama, umhlophe weqanda nengqaka yamasi. Lukhona nasenqholoweni, nasemazimbeni, nasemboneni. Luninzi ezimbotyini.

**Proud flesh.** Inyama entʃa ehluma ngokugqithileyo.

**Pruritus.** Ukurawuzela okugqithileyo kwendawo esikhumbeni.

**Psoas muscle.** Isihlunu esisuka ethanjeni lesinqe ngaphakathi size kuthi gqi ehlezeni ngaphambili kwithambo lethang'a. Sifinyeza ihleza.

**Psoas abscess.** Uɓovu oɓuphuma kumathambo omqolo anehaʃe ɓucande phakathi kwisihlunu ekuthiwa yi-*psoas muscle* ɓuze kugqabuka mayela phakathi ethang'eni. Khangela *Spinal curvature.*

**Psoriasis.** Sisifo sesikhumba.

**Psychic.** Ngokubekisele engqondweni.

**Ptomaine poisoning.** Ukutyhefwa ngokutya inyama enesifo.

**Ptosis.** Ukujinga kokhophe olungentla ngokufa komthambo (*nerve*) walo.

**Ptyalin.** Awona mandla amathe. Etyisa isitatʃhi asiyeke siɓe yiswekile.

**Ptyalism.** Ukuphuma kwamathe amaninzi.

**Puberty.** Xa inkwenkwe nokuɓa yintombazana ifikisa eɓudaleni.

**Pubis.** Ithambo elingaphambili phantsi kwesisu.

**Puerperal.** Ebekisele ekufukameni.

**Puerperal fever.** Icesina elandela emva kokuɓeleka, ngenxa yokungena kokunchola okuɓanga isifo (*germs*) esiɓelekweni.

**Puerperal insanity.** Ugezo oluhla emva kokuɓeleka luqale ngosuku lwesine kuye kusuku lweʃumi.

**Puerperium.** Ixeʃa lokuphila konina emva kokuɓelekwa komntwana.

**Pulmonary.** Ebekisele kwimiphuunga.

**Pulmonary tuberculosis.** Isifo semiphuunga.

**Pulse.** Ukuɓetha komthambo (*artery*) esihlahleni kwicala losithupha nakwezinye iindawo.

**Pulvis** (*powder*). Umgutyana weyeza.

**Pupil.** Ukhozo lweliso.

**Purgative.** Iyeza lokuɼudisa.

**Purpura.** Amachaphaza aɓangwa kukophela esikhumbeni.

**Purulent.** Enoɓovu.

**Pus.** Uɓovu.

**Pustule.** Iqhakuva elinoɓovu.

**Putrefaction.** Ukuɓola.

**Pyæmia.** Ukuhamba egazini kwe-*germs* ezenza uɓovu kwezinye iindawo emzimbeni.

**Pyelitis.** Ukukɼala kwe-*pelvis* yentso, kuze kuphume uɓovu emntsontsweni. Khangela ***Pelvis of kidney.***

**Pyloric obstruction.** Ukucutheka kwalentunja yoluusu evulekela ethunjini. Ikholisa ngokuɓangwa ngumhlaza.

**Pyloric hypertrophy.** Isimo oluzalwa naso usana. Siɓange intlanzo nokungcungcutheka ezintsaneni.

**Pylorus.** Isiphelo soluusu lomntu esivulekela emathunjini. Si-*sphincter.* Khangela *Sphincter.*

**Pyorrhoea alveolaris.** Ukuphuma koɓovu ezintsinini okuvela ezingcanjini zamazinyo.

**Pyosalpinx.** Uɓovu kumbobo wesiɓeleko.

**Pyothorax.** Khangela *Empyema.*

**Pyo-pneumo-thorax.** Uɓovu nomoya phakathi kwe-*pleura.*

**Pyrexia.** Uɓuʃuʃu ɓomzimba.

**Pyuria.** Uɓovu emntsontsweni.

## Q

**Quack.** Ixwele.

**Quarantine.** Ukwahlulwa kwaɓantu ixeʃana aɓeɓenomntu onesifo esisulelayo.

**Quartan fever.** Icesina uhloɓo lwe-*malaria* enyuka isihla ngosuku lwesine, oko kukuthi imana ukuʃiya iintsuku ezimbini. Khangela *malaria.*

**Quickening.** Intʃukumo yosana esiɓelekweni, eviwa ngunina ekupheleni kwenyanga yesine.

**Quinine.** Awonamandla omthi we-*Cinchona.* Aphilisa icesina yengcongconi. Khangela *Malaria.*

**Quinsy.** Uɓovu oɓusemva kwi-*tonsil.* Khangela *Tonsils.*

**Quotidian.** Icesina, uhloɓo lwe-*malaria*, ehla imihla yonke.

## R

**Rabies.** Khangela *Hydrophobia*.

**Radial.** Ebekisele kwi-*radius*.

**Radical cure.** Utyando nokuɓa zezinye iindlela zokuseɓenza ezenzelwa ukunyanga ngokuthe cace.

**Radium.** Into esetyenziselwa ukunyanga umhlaza. Imbiwa kwimihlaɓa ethile.

**Radius.** Elinye lamathambo amaɓini elisuka enqhiniɓeni ukuya esihlahleni. Lelingakusithupha.

**Ranula.** Inxhowana enoxakaxa ngaphakathi pha ntsi kolwimi. Khangela *Cyst*.

**Rash.** Injadukane.

**Rat.** Iɓuzi.

**Reagent.** Iyeza elisetyenziswa ukuxilonga umntsontso nezinye izinto.

**Receiver.** Isitya sokukhongozela iziɓopho nezinye izinto ezimdaka.

**Recrudescence.** Ukuɓuyelwa ngamandla sisifo.

**Rectal.** Ebekisele kwi-*rectum*.

**Recto-vaginal fistula.** Umnxhuma ethunjini ngaphantsi oɓangelwa kukuɓeleka nzima.

**Rectum.** Isiphelo sikabolo-bolo.

**Rectus.** Ukuthi-tse. Igama lezi zihlunu zingaphambili esiswini.

**Reducible. (Spoken of hernias and dislocations).** Enokuɓuyiselwa endaweni yayo ngokuphathwa ngezandla.

**Reflex action.** Into eyenziwa kamsinyane ngaphandle kokucinga.

**Refraction.** Ukugoɓa kwemitha yokukhanya xa ingena naxa iʃiya amanzi ne-*glass* naseliswcni.

**Relapse.** Ukuɓuya umva kwesifo emva kokuchacha.

**Relapsing fever. (Tick fever).** Uhloɓo lwecesina ekuhlanganwa nayo kumphakathi weAfrika. Le cesina iya phela iɓuye amaxeʃa amɓalwa. I-cesina yamakhalane.

**Remittent fever.** Icesina yengcongconi xa iphungukileyo, iɓuye inyuke ɼoqo.

**Renal.** Ebekisele ezintsweni.

**Rennet.** Incindi yoluusu lwenkonyana idiɓene namanzi netyuwa. Xa igalelwa eluɓisini oludikidiki iya luhloɓisa.

**Resolution.** Ukudamba kokudumba oɓekuvalile, kungadanga kuɓekho ɓuɓovu.

**Resonance.** Isandi esiviwa ligqiɼa xa lixilonga isifuɓa sesiguli sithetha.

**Respiration.** Ukuphefumla.

**Respirator.** Intsimbi eneminxhuma enxitywa emlonyeni ukuɼogela iyeza eligalelwe kuyo.

**Resuscitation.** Ukuɓuyisa umntu osel' esemngciphekweni wokufa.

**Retching.** Ukukhonyuluka.

**Retention of urine.** Ukungaɓi nakuntsontsa.

**Retina.** Inweɓu yomphakathi weliso apho umfanekiso uɓakhona wento eɓonwa liliso.

**Retinitis.** Ukukṛala kwe-*retina*.

**Retractor.** Intsimbi esetyenziselwa ukuɓamba amacala enxeɓa.

**Retroperitoneal.** Ngasemva kwale nweɓu yesisu ingeli cala lingasemva. Khangela *Peritoneum*.

**Retropharyngeal.** Ngasemva kwamakṛini. Khangela *Pharynx*.

**Retroversion of the uterus.** Ukuqethuka kwesiɓeleko.

**Rheumatism.** Isifo samathambo emalungwini. *Muscular rheumatism.* Intlungu enyameni.

**Rheumatoid arthritis.** Ukudumba kwamalungu okufana ne-*Rheumatism*. Esi sifo sithatha ixeʃa elide.

**Rhubarb.** Lelinye lamayeza okuṛudisa.

**Rib.** Uɓambo.

**Rickets.** Isifo saɓantwana. Amathambo aya thamba. Siɓangwa kukungafumani uɓisi nokuɓa amasi nelanga. Khangela *Vitamins*.

**Rigidity.** Ugomololo okanye uthiniko.

**Rigor.** Ukungcangcazela.

**Rigor mortis.** Ukuṛwaqela kwesidumbu emva kwexeʃana.

**Ringworm.** Isitʃhanguɓa.

**Rodent ulcer.** Isilonda esingumhlaza esanda kade eɓusweni ɓaɓantu aɓadala.

**Rupture.** Khangela *Hernia*.

**Rusty sputum.** Izikhohlela ezinemitʃhithi yegazi.

## S

**Sac.** Inxhowa.
**Saccharine.** Khangela *Saxin.*
**Sacro-iliac disease.** Isifo sendawo ephakathi kwethambo lesinqe nethambo lehleza esiɓangwa yi-*tuberculosis.*
**Sacrum.** Ithambo lesinqe.
**Salicylate of soda.** Iyeza ne-*salicylic acid* ne-*soda.*
**Salicylic acid.** Liyeza elimuncu.
**Saline.** Amanzi anetyuwa. *Normal Saline solution.* Amanzi aɓenge-payinti, ityuwa iɓengecephe elincinane.
**Saliva.** Amathe.
**Salivary glands.** Amadlala enza amathe, amaɓini aphantsi kwendleɓe (*parotid glands*), amaɓini aphantsi kwemihlathi (*sub-maxillary glands*), amabini apantsi kolwimi (*sub-lingual glands*). Oko kukuthi mathathu ngecala elinye.
**Salivation.** Amathe amaninzi emlonyeni.
**Salol.** Liyeza elimguɓo umhlophe. Line-*salicylic acid* ne-*carbolic acid.*
**Salpingectomy.** Ukususwa kombobo okanye yo miɓini le ixhake isiɓeleko macala omaɓini.
**Salpingitis.** Ukudumba okuneentlungu kwemibobo yesiɓeleko.
**Saltpetre** (*Potassium nitrate*). Isalipitire.
**Salvarsan.** Liyeza legcuʃuwa. Lihlohlwa emtanjeni (*vein*).
**Sal volatile (Spirit ammon aromat).** Liyeza elomeleza intliziyo xa umntu awe isiduli,

**Sanatorium.** Indawo enjengesibedlele, apho kuya aɓantu aɓaqalwa sisifo semiphuunga.

**Sanguineous.** Okunemitʃhithi yegazi.

**Sanitas.** I-*antiseptic* eyenziwe ngamafutha etramteni.

**Sanitation.** Inkquɓo yeendlela zokukhusela impilo yaɓantu ngokuɓanzi.

**Sapraemia.** Ukungena egazini kwetyhefu eyenziwa zi-*germs* kwindawo enye ethile emzimbeni. Khangela *Toxaemia.*

**Sarcoma.** Uhloɓo lomhlaza oluthambileyo olukhula kamsinya. Luya funyanwa nakuɓantwana.

**Saxin.** Into esutu kakhulu esetyenziswa endaweni yeswekile xa umntu ene-*diabetes.*

**Scab.** Ukhokho oluɓa phezu kwesilonda.

**Scabies.** Ukhwekhwe.

**Scalp.** Isikhumba esigquma ukakayi.

**Scalpel.** Imela eɓukhali ɓufutʃhane kunomphini.

**Scapula.** Ithambo legxalaɓa.

**Scar.** Isiva.

**Scarification.** Ukuqaphula.

**Scarlatina (Scarlet fever.)** Sisifo esisulelayo. Isikhumba siɓa ɓomvu.

**Sciatic nerve.** Umthambo omkhulu womlenze. Uhla ngasemva kwehleza nethanga.

**Sciatica.** Intlungu kulo mthambo.

**Sclera or sclerotic.** Le ndawo imhlophe yembumbulu yeliso.

**Scoliosis.** Ukugoɓela ecaleni kwamathambo omqolo, kukholisa kukuɓangelwa kukuhlala nge-

ndlela engeyiyo esikolweni kwa noɓuthathaka ɓezihlunu zomqolo.

**Scopolamine.** Khangela *Hyoscine*.

**Scorbutus** (*Scurvy*). Umtʃhetʃha phantsi.

**Scott's dressing.** Ilaphu eliqatywe ngamafutha ne-*mercury*.

**Scruple.** Uɓunzima oɓuyi 20 *grains*.

**Scurvy.** Umtʃhetʃha-phantsi.

**Sebaceous glands.** Amadlala amancinane esikhumbeni aphuma amafutha.

**Sebaceous cyst.** Ukudumba kwelinye lamadlala xa umlomo walo uxineneyo.

**Secondary disease.** Isifo esilandela esokuqala.

**Secondary syphilis.** Iɓanga lesiɓini legcuʃuwa, ukususela ekupheleni kwenyanga yesiɓini kuse ekupheleni konyaka wesiɓini.

**Secretion.** Incindi eyenzeka emzimbeni enomseɓenzi othile ewenzayo njengamathe.

**Sedative.** Into edambisa iintlungu nokuɓa ulothuko.

**Seidlitz powder.** Liyeza lokuhambisa. Kuditvaniswa intloɓo ezimbini zemiguɓo emanzini ziphuphuma igweɓu.

**Semilunar cartilages.** Iintlala ezimbini (*medial* ne-*lateral*) phakathi kwamathambo edolweni.

**Sensory nerves.** Imitambo esa izigidimi ezisuka esikhumbeni ziye eɓuchotʃheni.

**Sepsis.** Isimo sesilonda esichizayo.

**Septic. wound** Inxeɓa elichizayo.

**Septicaemia.** Ukungena egazini lomntu kwe-*germs* ezisuka enxeɓeni elichizayo.

**Septum of nose.** Udonga olwahlula amaphumlo.

**Sequelae.** Izifo ezilandela ezinye.

**Sequestrum.** Iceɓa lethambo elifileyo emzimbeni.

**Serum.** Into engamanzi ephuma ehlwilini xa lisesityeni.

**Sessile.** Ukungaɓi nasikhondo ngokwalamafa aɓasesikhumbeni.

**Sharp pain.** Intlungu eɓukhali. Ihlaɓa.

**Shock.** Uɓuthathaka ɓoɓuchopho noɓomzimba wonke emva kotyando mhlawumbi emva kwengozi nje ngokutʃha okukhulu. Uɓuchopho ɓoyiswe ludaɓa oluza ngemithambo (*nerves*).

**Shoulder.** Igxalaɓa.

**Sigmoidoscope.** Intsimbi yokukhangela umphakathi kubolobolo nesiphelo sakhe.

**Signa or Sig.** Umgqaliselo xa kubalwa inkcazelo yokuxutywa kwamayeza owalatha into emayize ibalwe kwelo phepha lenkcazelo.

**Silicate bandage.** Isiɓopho esifakwe kwi-*silicate* yinto efana ne-*plaster of Paris*.

**Silicosis.** Isifo semiphuunga esiɓangelwa kukusezela uthuli ngaɓaseɓenzi emigodini yeɼawuti.

**Silver nitrate.** Liyeza elenziwe nge-silivere. Linyiɓilikiswa emanzini lize liqatywe ezinkopheni ngaphakathi. Xa iyodwa inje ngoluthana ekuthiwa yi-*lunar caustic*. Isetyenziselwa ukutʃhisa izilonda.

**Simple fracture.** Ukwaphuka kwethambo okungenanxeɓa lifika kuloo ndawo yaphukileyo.

**Sinapism.** Ipleyistire yemostade.
**Sinew.** Umsipha.
**Sinus.** 1. Umnxhuma osuka kwindawo engaphakathi okanye enethumba ugqobozele phandle. 2. Umsele oɓanzi elukakayini ohamba le mijelwana yegazi iɓuyela entliziyweni. 3. Umnxhuma wokuhambisa impepho kumphakathi wethambo.
**Sinusitis.** Ukukrala kwale nweɓu yandlaleke phakathi komnxhuma wempepho.
**Sitz bath (hip bath).** Ibafu yehleza. Umntu uhlala phakathi emanzini.
**Skeleton.** Umxokelelwane.
**Skin.** Isikhumba.
**Skull.** Ukakayi.
**Sleeping sickness.** Isifo soɓuthongo sase-*Tropical* Afrika esisuleliswa yimpukane elumayo ekuthiwa yi-*tsetse-fly*.
**Slough.** Intwana yesikhumba nokuɓa yenyama efileyo eyoɓuzayo.
**Small pox.** Ingqakaqa.
**Snare.** Intsimbi yokurintyela.
**Snow.** Khangela *Carbon dioxide.*
**Snuffles.** Ukukrixiza ukuphefumla okuɓakho ezintsaneni ezizalwa zinegcuʃuwa.
**Sodium.** Into esetyuweni (*sodium chloride*) nakwi *washing soda* (*sodium carbonate*) nakwi-*baking soda* (*sodium bicarbonate*) nakwi-*sodium sulphate*, iyeza elifana nesolisi, nakwi-*sodium salicylate*.
**Soft sore. venereal.** Iɓekelo.
**Somnambulism.** Ukuhamba eɓuthongweni.

**Sordes.** Inkoko ezimdaka emlonyeni nasemazinyweni omguli.

**Sore throat.** Umqala oɓuhlungu.

**Sound.** Intsimbi esetyenziselwa ukuhlola esinyeni mhlawumbi esiɓelekweni.

**Spasm.** Ukufinyela ngesaquphe nokwayiphi na indawo emzimbeni.

**Spastic.** Ukufinyela kwexeʃa elide.

**Spastic paralysis.** Ukufa nokufinyela kwendawo.

**Spatula.** Intsimbi esicaɓa yokudyoba amafutha nepolitis.

**Specific** (*said of a medicine*). Elona yeza eliphilisa isifo esithile.

**Specific** (*said of a disease*). Igcuʃuwa.

**Spectrum.** Imiɓala yokukhanya eɓonwa xa i-phumela eglasini (*a prism*). Ifana nomnyama.

**Speculum.** Intsimbi yokukhangela indawo e-mzimbeni ngaphakathi njengendleɓe.

**Sphenoid.** Ithambo eliseka umzantsi wokakayi.

**Sphincters.** Izihlunu eziṛawula intunja ziyivule ziɓuye zivale ngokwazo.

**Sphincter of the anus.** Inyama ejikeleze umva eman' ukuvaleka.

**Sphygmomanometer.** Intsimbi yokulinganisa ukuthi pitsi kwegazi emithanjeni.

**Spica.** Indlela ethile yokuɓopha indawo emzi mbeni.

**Spina bifida.** Ukulimala komqolo ngemvela. Kuɓakho iqhuma elithambileyo. Phakathi kwalo kuɓa kho i-*meninges* mhlawumbi umnqonqo.

**Spinal anaesthesia.** Ukulahlekwa kukuva iintlungu emilenzeni ngokuhlohla iyeza emqolo kufuphi nomnqonqo.

**Spinal cord.** Umnqonqo.

**Spinal curvature.** Umqolo ogoɓekileyo (*Two kinds, curvature backwards due to tuberculous disease of vertebrae ; curvature sideways due to bad position at school desks in rapidly growing children*).

**Spine.** Amathambo omqolo.

**Spirobismol.** Liyeza eline-*bismuth* lihlohlwa ezihlunwini xa kunyangwa igcuʃuwa.

**Spirocheta pallida.** I-*germ* eɓangela igcuʃuwa. Khangela *Germs.*

**Spleen.** Udakada.

**Splints.** Iplanga nokuɓa yinto enye elukhuni eɓekelwa ukunika ukuphumla endaweni eyenzakeleyo.

**Sporadic disease.** Isifo esisulelayo xa siɓonakala kwiindawo ngeendawo kuɓantu aɓamɓalwa.

**Sprain.** Ukukɼuneka kwelungu.

**Sprue.** Isifo esiɓangela uɓuhlungu ɓolwimi nomlomo noɼudo nohloɓo lwesifo esiyingozi esenza igazi liɓe saɓumanzi. Oku kufa kunyangwa ngokutya isiɓindi esikɼwada.

**Spurious pains.** Ukulunywa ngathi uza kuɓeleka kodwa kungenjalo.

**Sputum.** Izikhohlela.

**Squamous.** Ukoɓuza.

**Squint.** Uɓugxwemu.

**Staphylococcus.** Olunye uhloɓo lwe-*germ* olu-

namandla oluɓanga uchizo olunoɓovu namathumba.

**Staphyloma** Indawo edumbileyo kwimbumbulu yeliso. Ifana nembumbulu yediliya.

**Starch bandage.** Isiɓopho esiqatywe isitatʃhi esisetyenziswa endaweni ye-*plaster of Paris.*

**Stasis.** Ukucotha kokuhamba kwegazi emithanjeni yegazi kwindawo evalileyo, okanye ukucotha kokuhamba kwento esakuɓa iphakathi emathunjini. Oko kucotha kuɓangela ukuqhina.

**Status epilepticus.** Isimo somntu omana ukuwa futhi-futhi sisathuthwane.

**Stenosis.** Ukuqina kwendawo ethile emzimbeni.

**Sterile.** 1. Oludlolo (eɓantwini). 2. Emsulwa kwi-*germs* (kwintsimbi nasesikhumbeni neziɓopho).

**Sterilisation.** Ukwenza msulwa kwi-*germs.*

**Sterilizer (Steam sterilizer).** Imbiza yokufutha iziɓopho ukuɓulala i-*germs.*

**Sterility.** Esimeni sokuɓa ludlolo.

**Sternum.** Ithambo lesifuɓa. Incum.

**Stertorous breathing.** Ukuphefumla okufana nokurona okuviwa kumntu owe ngokwenzakala eɓuchotʃheni.

**Stethoscope.** Umbobo osetyenziselwa ukuxilonga izandi zesifuɓa nentliziyo.

**Still-born.** Ovela engasekho.

**Stimulant.** Into yokukhaliphisa umzimba nokuɓa yiyiphina indawo emzimbeni.

**Stitch in the side.** Ihlaɓa.

**Stomach.** Uluusu lomntu.

**Stomach tube.** Intsimbi esetyenziselwa ukuhlamba uluusu. Ifakwa emlonyeni.

**Stomatitis.** Umlomo oɓuhlungu onezilonda ngaphakathi. Ukholise kuɓantwana. Amavila.

**Stools.** Ithafa.

**Strabismus (Squint).** Uɓugxwemu.

**Strangulated hernia.** I-*hernia* eqiniswe kanga ngokuɓa igazi lingaɓi nakuhamba kuyo ukuze ife. Umntu onayo usengozini enkulu. Khangela *Hernia*.

**Strangury.** Ukuphuma komntsontso ngamathontsi okunecentlungu.

**Strapping.** I-*plaster* encamathiselayo.

**Streptococci.** I-*germs* ezinqhukuva ezikhula ziyimixokelelwane. Khangela *Bacteria*.

**Stricture of urethra.** Indawo eqinileyo ecutheneyo kwi-*urethra* ukuze umntu antsontse nzima. Khangela *urethra*.

**Stricture of œsophagus.** Indawo eqinileyo ecutheneyo kummizo ukuze umntu aginye nzima.

**Stridor.** Ingxolo ephuma kwingqula ekuphefumleni.

**Strychnine.** Awonamandla embewini ye-*Strychnos Nux Vomica*. Yityhefu enamandla eɓulalayo, nenkantsi yomzimba wonke. Kodwa iya setyenziswa inikwe kancinane kakhulu kwi-*tonics*.

**Stupor.** Umntu ahlale angaɓi nakwenza nayiphi na into ngaphandle kokuqhutywa.

**Styptic.** Iyeza lokunqanda ukopha.

**Subclavian.** Ngaphantsi kwenqhoʃa. (*Used of the main artery and vein of the arm.*)
**Subcutaneous.** Phantsi kwesikhumba.
**Subinvolution.** Ukunganciphi ngokwaneleyo kwesiɓeleko emva kokuɓeleka. Khangela *Involution.*
**Sublingual.** Phantsi kolwimi.
**Subluxation.** Ukuʃenxa kancinane kwentlala elungwini.
**Submaxillary.** Phantsi komhlathi.
**Sudamina.** Amaqhakuvana aɓangwa kukuɓila.
**Suffocation.** Ukufuthaniseleka.
**Sugar.** Iswekile. 1. Iswekile yomoɓa (*cane sugar*). 2. Iswekile yoɓisi (*milk sugar*). 3. Iswekile yesithombo (*malt sugar*). 4. Iswekile yediliya (*grape sugar or glucose*). Iswekile eɓasemntsontsweni kuɓantu aɓanesifo esiyi-*Diabetes* yi-*glucose.*
**Sulpharsenol.** Iyeza eliɓukhali eline-*arsenic* ne-*sulphur.* Lihlohlwa ezihlunwini xa kunyangwa igcuʃuwa.
**Sulphonal.** Iyeza lokwenza uɓuthongo. Khangela *Hypnotic.*
**Sulphur.** Liyeza elingumguɓo olubelu. Xa lidityaniswe namafutha lisetyenziselwa ukunyanga ukhwekhwe.
**Sulphuric acid.** Liyeza elimuncu kakhulu. Liya sitʃhisa isikhumba xa lichaphazeleyo.
**Sunstroke.** Ukonakala koɓuchopho okuɓangwa ɓuɓuʃuʃu.
**Superior vena cava.** Umthambo omkhulu ozisa

igazi elivela kumantla omzimba kwicala lasekunene lentliziyo.

**Supination.** Ukuguqulela umphakathi wesandla ngaphezulu.

**Supine.** Ukulala ngomhlana.

**Suppository.** Iyeza elilukhuni elimboxo elifakwa ngemva.

**Suppression of urine.** Ukutʃhitʃha kwezintso ukwenza umntsontso.

**Suppuration.** Ukuchiza uɓovu.

**Supraorbital.** Ngasentla komnxhuma weliso.

**Suprapubic.** Ngasentla kwethambo lomzantsi wesisu.

**Suprarenal gland.** Idlala eliphezu kwentso.

**Suprarenal extract.** Incindi yeli dlala. Khangela *Adrenalin.*

**Surgical Kidney.** Ukudumba okunoɓovu kwentso.

**Suspensory bandage.** Isiɓopho sokuxhasa nokuɓa yiyiphina indawo elengalengayo, iindawo ezinjengeɓele xa likɼalilevo.

**Sutures.** Iintsinga ezisetyenziselwa ukuthunga isikhumba nenyama, nokuɓopha imithambo.

**Swabs.** Iziqwengana zoɓoya ezisongelwe nge-*gauze* ezisetyenziswa elutyandweni.

**Swallowing.** Ukuginya.

**Sweating.** Ukuɓila izithuku-thuku.

**Sympathetic system of nerves.** Khangela *Autonomic system of nerves.*

**Symptoms.** Impawu eziɓikwa sisiguli njengehlaɓa, khohlo-khohlo nezinto ezinjalo.

**Syncope.** (*Fainting*). Ukuwa isiduli.

**Synovial membrane.** Unweɓu olugqume ilungu.

**Synovial fluid.** Amanzi aselungwini. Empilweni aɓamancinci.

**Synovitis.** Ukudumba kwelungu amanzi alo aɓe maninzi.

**Systole.** Ukufinyela kwentliziyo ekuɓetheni kwayo.

**Syphilis.** Igcuʃuwa.

**Syringe.** Intsimbi yokuhlohla mhlawumbi yokucima.

## T

**T bandage.** Isiɓopho esenziwe safana no-T. Sisetyenziselwa ukuɓopha ngaphantsi.

**Tabes mesenterica.** Ukudumba kwamadlala esiswini kwenziwa yi-*tuberculosis*. Khangela *Tuberculosis*.

**Tachycardia.** Ukuɓetha kwentliziyo ngokukhawuleza okukhulu.

**Taenia (Tapeworm).** Iph'alo.

**Talipes (Club foot).** Ukulimala konyawo ngendalo.

**Tampons.** Iziqwengana zoɓoya ezisongelwe nge-*gauze* zaɓotʃhwa ngomtya.

**Tannin (Tannic acid).** Liyeza eliqatywa emqaleni lidityaniswe *neglycerine*. Liyaʃwaqa.

**Tapeworm.** Iph'alo.

**Tapping.** Ukufunxa ngentsimbi.

**Tarsal.** Ebekisele kwi-*tarsus.*
**Tarsus.** Amathambo asixhenxe angasemva elunyaweni.
**Tartar.** Inkwethu elukhuni eɓasemazinyweni angahlanjwayo. Inkunqe.
**Tartar emetic.** Liyeza lokuhlanzisa. Linyanga i-*Bilharzia* xa lingeniswe emthanjeni (*vein*). Khangela *Bilharzia disease.*
**Taste.** Incasa.
**Taxis.** Ukungenisa i-*hernia* ngokuyicinezela ngeminwe. Khangela *Hernia.*
**Technique.** Indlela yokwenza into ngoɓugcisa. Ezona ndawo ziɓalulekileyo nezayiphina inkquɓo.
**Teeth.** Amazinyo.
**Temperature.** Iɓanga loɓuʃuʃu.
**Temples.** Iintlafuno.
**Temporal bone.** Ithambo lecala lentloko ekuse kwe kulo indleɓe.
**Tenaculum (small sharp hook).** Igwegwe elincinane eliɓukhali elisetyenziselwa ukutyanda.
**Tenaculum forceps.** Isiɓambo esinencam encinane esiɓukhali.
**Tendon.** Umsipha.
**Tenesmus.** Ukuduntsa okukhulu okuneentlungu.
**Tenosynovitis.** Ukukɼala kwesinxhoɓo somsipha.
**Tenotomy.** Ukusikwa komsipha.
**Tenotomy knife.** Imela yokusika umsipha.
**Tension.** Ukutsaleka.
**Tent.** Into encinane esetyenziselwa ukwandisa

umlomo wesiбeleko. Ithi yakufakwa ikhukhumale.

**Terebene.** Itramteni ecokisiweyo eselwayo.

**Tertian (third day) fever.** Icesina, uhloбo lwe-*malaria* ephakama isihla ephakama isihla kwintsuku ezintathu oku kukuthi iʃiya usuku olunye.

**Tertiary syphilis.** Iбanga lokugqiбela legcuʃuwa elinokuthaбatha iminyaka emininzi.

**Testing urine.** Ukuxilonga umntsontso.

**Test tube.** Umbobo osetyenziswa oku kuxilonga.

**Tetanus (Lockjaw).** Isifo esiбangwa linxeбa ngamanye amaxeʃa xa mhlawumbi i-*germs* zazo zingene nomhlaбa. Siбanga ukuthi nkqi komzimba nokuxhuzula.

**Tetany.** Ukuxhuzula kwezandla nenyawo ezintsaneni, kuбekho nohlanzo, noɼudo. Naбakhulu aбantu бakhe бahliwe yile nto.

**Theine.** Awonamandla e-*tea.*

**Therapeutics.** Ulwazi lokuphilisa.

**Thermo-cautery.** Intsimbi yokutʃhisa indawo emzimbeni.

**Thermometer.** Intsimbi esetyenziselwa ukulinganisela uбuʃuʃu бomzimba.

**Thigh.** Ithang'a.

**Thomas's splint.** Intsimbi esetyenziswa ukuxhasa idolo mhlawumbi ihleza eline-*tuberculosis*, nokuxhasa ithambo lethang'a elophukileyo.

**Thoracic.** Ebekisele esifuбeni.

**Thorax (chest)** Isifuбa.

**Thread-worms.** Izilo ezincinane emathunjini ezikhangeleka ngokwe misonto emifutʃhane.
**Thrombosis.** Ukuvaleka komthambo okuɓangwa kukukhula kwehlwili legazi.
**Thrush.** Isifo somlomo eɓantwaneni naseɓantwini aɓakhulu xa ɓegula kakhulu. Siɓanga amaɓala amhlophe afana nokungunda.
**Thymol.** Liyeza elisetyenziswa njenge-*antiseptic* ne-*anthelmintic.*
**Thymus gland.** Idlala elisemva kwamantla ogaga. Likho eɓantwaneni ɓodwa.
**Thyroid cartilage.** Intlala ephuma engqulení.
**Thyroid gland.** Idlala phambi koqhoqhoqho ezantsi entanyeni.
**Thyroid extract.** Incindi yeli dlala.
**Tibia.** Umɓala.
**Tick fever.** Isifo sase-*Tropical Africa.* Sihanjiswa luhloɓo lwamakhalane ahlala emanqugwaleni. Khangela *Relapsing fever.*
**Tincture.** Iyeza eliditynaniswa ne-*alcohol.*
**Tinct. Camph. Co.** (*Compound Tincture of Camphor*). Iyeza eline-*camphor* nentwana ye-*opium.*
**Tinea.** Isifo sesikhumba esiɓangelwa kukungunda. Khangela *Ringworm.*
**Tinnitus.** Ukuhlokoma ezindleɓeni.
**Tolerance.** Ukuqhela ukuthaɓatha iyeza elithile.
**Tongue.** Ulwimi.
**Tonic.** Iyeza lokomeleza umzimba womntu.
**Tonsil:** Indimla.
**Tonsillectomy.** Ukususwa kwendimla.
**Tonsillitis.** Ukukɽala kwendimla.

**Tonsillotome.** Intsimbi yokususa indimla.
**Torsion.** Ukujijwa komthambo xa kupheliswa ukopha.
**Torticollis.** Isimo sentamo ejikekileyo.
**Tourniquet.** Isiɓopho sendyoloɓa esisetyenziselwa ukuɓopha umlenze mhlawumbi ingalo ngokuqinileyo ukuze sinqande igazi phambi kotyando.
**Toxaemia.** Iityefu ezisegazini ezenziwa, mhlawumbi endaweni enoɓovu mhlawumbi ekutyeni okuɓolele emathunjini.
**Toxic.** Enetyhefu.
**Trachea (Windpipe).** Uqhoqhoqho.
**Tracheotomy.** Ukutyanda kuqhoqhoqho.
**Trachoma.** Isifo senkophe esisulelayo esithatha ixeʃa elide.
**Trance.** Ithongo.
**Transfusion of blood.** Ukuthatyathwa kwegazi lomntu ophilileyo aɓizwe ngokuthi ngumphi (*donor*), lifakwe emthanjeni womntu oʃayo—lowo aɓizwe ngokuthi ngumamkeli (*recipient*).
**Transudation.** Ukutsitsa kwamanzi (*lymph*) endaweni.
**Trauma.** Ingozi.
**Tremor.** Ungcangcazelo oluzenzekelayo.
**Trephine.** Intsimbi yokususa iceɓa lokakayi.
**Trephining.** Ukususa iceɓa lethambo lokakayi.
**Triangular bandage.** Isiɓopho esinencam ezintathu.
**Trichiasis.** Ukugoɓela kwemiseɓe ngaphakathi.
**Trional.** Liyeza elenza uɓuthongo.

**Trismus.** Ukuqina komhlathi. Khangela *Tetanus.*

**Triturate.** Ukucolisisa umgußo.

**Trocar.** Intsimbi yokuhlaßa umzimba esetyenziswa kunye nombobo. Khangela *Cannula.*

**Trochanter.** Intsula.

**Trophic.** Ngokubekiselele ekondlekeni nasekuphileni kwendawo.

**Tropical ulcer.** Isilonda esifunyanwa kumazwe aʃuʃu, naamanzi. Inxalenye yesikhumba iya xoßuka ngakumbi elunyaweni nasemlenzeni, kusale kusisilonda esinzulu kuloo ndawo.

**Truss.** Intsimbi yokuthuthela i-*hernia.* Khangela *Hernia.*

**Trypsin.** Into encindini yenjeke (*pancreas*) eyetyisa inyama.

**Tsetse fly.** Uhloßo lwempukane. Zithi zakuluma aßantu ngamanye amaxeʃa ziya nikezela isifo soßuthongo. Khangela *Sleeping sickness.*

**Tuberculin.** Into eyenziwa nge-*tubercle bacilli* ezifileyo. Isetyenziselwa ukuxilonga aßantu mhlawumbi iinkomo ezikɼokɼelwa ukußa ne-*tuberculosis.*

**Tuberculosis.** Igama elinikwa ngamagqiɼa kwizifo zonke ezißangwa yi-*germ*, ekuthiwa yi-*tubercle bacillus*, ezinjengesifo semiphuunga, isifombo esisemqolo, ukudumba kwamadlala entanyeni, njalo-njalo.

**Tuberculous.** Ebekisele kwi-*tuberculosis.*

**Tumour.** Iqhußu.

**Turpentine.** Itramtreni.

**Twin.** Iwele.
**Tympanites.** Ukuvuthelana gqithileyo kwesisu ngumoya. Kuɓangelwa kukuphelelwa ngamandla okuʃukuma kwamathumbu. Le nto iɓakho emveni kokuqangqululwa kwesisu, okanye oku kuvuthelana kubangelwe kukuvaleka kwethumbu, okanye kuɓangelwe yi-*peritonitis*. Khangela *Peritonitis*. Oku kuvuthelana khe kuɓekho ngamanye amaxeʃa kuɓantu aɓanecesina yamathumbu. Khangela *Enteric fever*.
**Tympanum (The drum of the ear).** Inweɓu phakathi kwendleɓe.
**Typhoid fever (Enteric fever).** Icesina yamathumbu.
**Typhus fever.** Icesina yeentwala. Iya sulela ngeentwala.

## U

**Ulcer.** Isilonda.
**Ulna.** Lithambo elikhulu elisuka enqhiniɓeni ukuya esihlahleni ngecala likacikicane.
**Umbilical cord.** Imfesane.
**Umbilicus.** Inkaɓa.
**Undulant fever.** Khangela *Malta fever*.
**Unguentum (ung.).** Amafutha aneyeza.
**Uraemia.** Igazi elinetyhefu xa umntu anesifo sezintso (*nephritis*) zize zingaseɓenzi kakuhle.
**Uraemic. convulsions.** Ukuwa nokududuzela komzimba okuɓangwa yi-*uraemia*.
**Urates.** Intlenga eɓomvu ngoku kwesitena, eɓo-

nakala ngamanye amaxeʃa emntsontsweni xa umi ngento sowupholile.

**Urea.** Isongo esikhulu somntsontso.

**Ureter.** Umbobo omncinci ophuma entswenikuye esinyini. Ikho ngenxa zombini.

**Urethra.** Umbobo ekuphuma ngawo umntsontso esinyini.

**Uric acid.** Amachaphazana aɓomvu aɓonakala eyintlenga emntsontsweni.

**Urine.** Umntsontso.

**Urinometer.** Intsimbi encinane yegilasi yokulinganisa uɓunzima ɓomntsontso kunoɓamanzi (*specific gravity*).

**Urticaria (nettlerash).** Isifo sesikhumba esiɼawuzelayo kakhulu ukuze isikhumba sikhukhumale sakonwaywa.

**Uterine.** Ebekisele esiɓelekweni.

**Uterine tubes.** Imibobo emiɓini ekho ngenxa zombini zesiɓeleko.

**Uterus.** Isiɓeleko.

**Uvula.** Incaka-ncaka.

## V

**Vaccination.** Ukuenta.

**Vaccine.** Into eyenziwa nge-*germs* yesifo esithile ukuze inikelwe ukunyanga mhlawumbi ukuthintela eso sifo. Isitofu.

**Vagina.** Intunja esinga esiɓelekweni.

**Vaginitis.** Ukukɼala kwale nweɓu yandlaleke ngaphakathi kule ntunja.

**Vagus.** Umthambo (*nerve*) omde osuka eɓucho-tʃheni uye emiphuungeni, entliziyweni, nasesiswini.

**Valvular heart disease.** Isifo sentliziyo.

**Varicella.** Khangela *chicken pox.*

**Varicose veins.** Imithambo (*veins*) eyandileyo.

**Variola (Small pox).** Ingqakaqa.

**Vascular.** Enemijelwana emininzi yegazi.

**Vaseline (soft paraffine).** I-*vaseline.*

**Vaso-constriction.** Ukukhameka kwemijelwana yegazi.

**Vaso-dilatation.** Ukutwaɓuluka kwemijelwalwana yegazi.

**Vein.** Umthambo oɓuyisela igazi entliziyweni.

**Venereal diseases.** Igcuʃuwa nezinye izifo zolu hloɓo ziɓizwa ngeli gama.

**Venesection (Bleeding).** Ukopha umthambo (*vein*).

**Venom.** Uɓuhlungu, okanye ityhefu yenyoka.

**Venous.** Ebekisele kwi-*veins.*

**Ventilation.** Ukungenisa nokukhupha impepho endlwini.

**Ventricles (right and left).** Amacala amaɓini entliziyo angasencamini.

**Vermiform appendix.** Khangela *appendix.*

**Verminous.** Oneentwala.

**Vernix caseosa.** Uɓuzele.

**Version (Turning).** Ukuguqula usana esiɓelekweni ngugqira.

**Vertebrae.** Amathambo omqolo.

**Vertex.** Umphezulu wentloko.

**Vertigo (Giddiness).** Isizunguzane.
**Vesical.** Ebekisele esinyini.
**Vesicant.** Into eyenza amadyungu-dyungu.
**Vesicle.** (*A blister*). Idyungu-dyungu.
**Vesico-vaginal fistula.** Umnxhuma esinyini oɓangelwa kukuɓaleka nzima.
**Viable.** Onokuphila. Eli lizwi lisetyenziselwa iintsana ezivela phambi kwexeʃa kodwa emva kwenyanga ezisixhenxe.
**Visceroptosis.** Ukuxiɓilika kweziɓilini okuɓangelwa ɓuɓuthathaka ɓenyama zesisu.
**Vinum.** Iveyini (*or* i-wayini).
**Vinum ipecacuanhae.** Iveyini eneyeza i-*ipecacuanha* lokuhlanzisa.
**Viscera.** Iziɓilini.
**Vision.** Ukuɓona.
**Vitamins.** Izinto ezincinane kakhulu eziɓakho ekutyeni ziyimbangi yempilo noɓomi. Khangela *Xerosis, Beri-beri, Scurvy, Rickets.*
**Vitreous.** Into ejiyileyo engcwengileyo embumbulwini yeliso emva kwe-*lens*.
**Voice.** Ilizwi.
**Volatile oils.** Iioli ezoma kamsinya njengeoli yetyeleɓa.
**Voluntary action.** Isenzo esenziwa ngumntu ngokuzimisela into enjengokuhamba.
**Volvulus.** Ukujijeka kweɼintyelo lethumbu.
**Vomit.** Ukuhlanza.
**Vulcanite.** Indyoloɓa eyenziwe lukhuni ngokudityaniswa nesufuri ngoɓuʃuʃu oɓukhulu. Isetyenziswa ukwenza intsimbi.

**Vulsellum (or vulsella).** Isiɓambo esinamazinyo aɓukhali.

## W

**Wassermann test.** Ukuxilongwa kwegazi okuɓonisa ukuɓa loo mntu lithatyathwe kuye unayo na nokuɓa akanayo igcuʃuwa.

**Water bed.** Inxhowa eɓanzi eyenziwe ngendyoloɓa. Izaliswa ngamanzi aʃuʃu isetyenziswe ngokomandlalo.

**Wax in ear.** Imiphula.

**Wean.** Ukulumla.

**Weir Mitchell treatment.** Ukunyangwa kwe-*hysteria* ne *neurasthenia* ngokuthi umntu agcinwe kwindlu eyodwa; aphumle; atyiswe ngokwaneleyo, aze amane ehlikihlwa.

**Wet nurse.** Umfazi oncancisa umntwana womnye.

**Whey.** Intloya yoɓisi xa luhlotyiswe nge-*rennet*. Khangela *Rennet*.

**White mixture (mist. alba).** Iyeza lokurudisa eline-*Epsom salts*.

**Whitlow.** Ukudumba okunoɓovu okuneentlungu encamini yomnwe. Ifeyhiti.

**Whooping cough.** Inkenkusi.

**Widal reaction.** Ukuxilonga igazi ukukhangela ukuɓa umntu unayo na icesina yamathumbu.

**Windpipe (Trachea).** Uqhoqhoqho.

**Womb (Uterus).** Isiɓeleko.

**Wound.** Inxeɓa.

**Wrist.** Isihlahla.

**Wry neck (Torticollis).** Isimo sentamo ejikekileyo.

## X

**Xerosis.** Isimo sokoma kweliso esiɓangwa kukungafumani ukutya okunje ngamasi noɓisi, ne-*vitamin A*.

**Xiphe-sternum.** Incam yethambo lesifuɓa eviwa elucaɓangeni.

**X-rays.** Uhloɓo lwemitha oluɓangwa yi-*electricity*. Lukhanya luphumele enyameni ukuze kuthathwe ngalo imifanekiso yamathambo noluusu namathumbu.

## Y

**Yaws.** Isifo esifana negcuʃuwa. Sifunyanwa e-*Central Africa*.

**Yellow fever.** Uhloɓo lwecesina efunyanwa e-*Tropical America* nase-*West Africa*. Iɓangela i-*jaundice* nokuhlanza into emnyama. Esi sifo sisulela ngokuhanjiswa luhloɓo lwengcongconi ekuthiwa yi-*Aedes aegypti*.

## Z

**Zero.** Ilize kwi-*thermometer*.

**Zinc oxide.** Ngumguɓo omhlophe oliyeza.

**Zinc ointment.** Amafutha ane-*zinc oxide*.

**Zinc sulphate.** Liyeza lokuhlanzisa.

**Zingiber (ginger).** Ijinjala.
**Zona (shingles).** I-*herpes* xa ihla ngccala elinye lomzimba. Khangela *Herpes*.
**Zygoma.** Ithambo elisuka endleбeni lisiya esidleleni.
**Zymotic diseases.** Izifo ezisulelayo.

